## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijenra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa uEWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

7. Akukho manqaku aya kwabelwa uYINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

## ICANDELO A: INOVELI

## UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

### ISICATSHULWA A

1.1 1.1.1 ELusikisiki. √ (1)

1.1.2 D √/ D ukungevani √/ ukungevani √/ iyantlukwano. √

**[Nasiphi na kwezi]** (1)

1.1.3 Akuchanekanga kuba abantu ababini abanguThamsanqa noYolisa abanakude babizwe njengesipani kuba abalilo inani elikhulu. √√ (2)

1.1.4 (a) Ngowendlebe. √ (1)

(b) Ngowomntu othetha ngokungavakalisiyo eveza ukukhalaza nokunganeliseki. √√ (2)

1.1.5 Hayi wayekhona inguNozililo noNtongana kuba babesithi le venkile iselungelweni labo kuba uLungile wayifumana ngamaqhinga kutatomncinci wabo uMosia. √√ (2)

1.1.6 Ukuba ababoni ngasonye √√/ ukruthakruthwano phakathi kwabo. √√ (2)

1.1.7 Umona kaNozililo ubangele ukuba asoloko ethuthela uNomakhwezi iindaba ezimchithela umzi wakhe √/ umona kaNozililo ubangele ukuba athenge ootsotsi ebathuma ukuba batshise ivenkile √/ umona kaNozililo ubangele ukuba bathi sebefile ooLungile noNomakhwezi, ashiyeke etshutshisa unyana wabo uMpumelelo amfune efile naye √/ ubangele isiphelo esibi kubomi bukaNozililo nomyeni wakhe √/ ukujikelwa kukaNozililo zizihlobo nabantu ebebasebenzise ukutshutshisa uMpumelelo. √

**[Nasiphi isibini kwezi.]** (2)

1.1.8 Wayethengisa i-inshorensi. √ (1)

1.1.9 UMpumelelo ngumlinganiswa oyintloko √ kuba zonke iziganeko zebali zingqonge yena ukuqala ekuqaleni de kuye ekugqibeleni √/ isihloko sebali sibhekiselele kuye √/ unabachasi abangabakwaMakhwetshu kunye nabaxhasi abalusapho lwakhe √/ unenjongo afuna ukuyiphumeza, ekukufunda nokugcina umzi wakwaNtsibande.

**[Nasiphi isibini esixhasayo kwezi.]** (3)
**[17]**

**ISICATSHULWA B**

1.2 1.2.1 Sesokuba wayesaqumbile ke ngoko kwakungekho lula ukuthetha naye. √√ (2)

1.2.2 Ngokuthi uLungile aphuphe isikhova-intaka ekukholelwa ukuba izisa ilishwa phakathi kwekhaya √√/ ngokuthi uLungile aphuphe betshile bengalufumananga uncedo xa bekusitsha. √√

**[Nayiphi na kwezi]** (2)

1.2.3 (a) Lolokuba nolwimi. √ (1)

(b) Uncedakele ngokuthi uNomakhwezi ayikholelwe yonke into amxelela yona kanti lonke elo xesha uyamlahlekisa ukuze kufezeke eyakhe injongo. √√ (2)

1.2.4 (a) (iv) √/ ingabula-zigcawu √

(b) (i) √/ uvuthondaba √

(c) (iii) √/ inqanaba lojiyo √ (3)

1.2.5 Bubukho bemoto nevenkile √√ (2)

1.2.6 Luzobo ngqo √ nozobo olumayana. √ (2)

1.2.7 Saba kukufa ngokutshiswa. √√ (2)

1.2.8 Yinoveli engemiba yentlalo √ kuba kuthethwa ngemiba yokuhlala kwabantu. √ (2)

**[18]**

**AMANQAKU EWONKE: 35**

**OKANYE**

## UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – PM Ngani

## ISICATSHULWA C

2.1 2.1.1 Kuse*Moonglow Night Club*. √ (1)

2.1.2 D √/ D wayesoyika √/ wayesoyika. √

**[Nayiphi na kwezi]** (1)

2.1.3 Kuchanekile ngokuba apha akukho mkhondo, zonke izinto zibheke ecaleni, abantu benza isiwiliwili sento engacacisekiyo yiyo loo nto kuchanekile ukuyichaza njengomdudo wamasele. √√ (2)

2.1.4 (a) Owempumlo √ (1)

(b) Ivumba elinganyamezelekiyo √√/ivumba elinuka kakubi kakhulu elitsarhayo. √√

**[Nayiphi na kwezi]** (2)

2.1.5 Kungenxa yokuba umququzeleli wale ndibano nguMdoda omnye wamalungu aseMoonglow. UEddie sele eswelekile ngeli xesha. √√ (2)

2.1.6 Ubuchule nokuzinikela axolele ukungena kwiindawo ezingaqondakaliyo kuba efuna ukuqiniseka ukuba akashiyeleli nto kuphando lwakhe. √√ (2)

2.1.7 Ukunyoluka kwamalungu aseMoonglow Night Club kubangele ukuba afune ukuthengisa intsangu ukuze enze imali eninzi. √ Ukunyoluka kwamalungu aseMoonglow Night Club kubangele ukuba abulale uEddie Maga owayebanqanda. √ (2)

2.1.8 Wayesisicaka esithembakeleyo sikaLinda Monti √/wayengumsebenzi wakwaLinda othembakeleyo. √ (1)

2.1.9 UHlobo ungumlinganiswa oyintloko √ kuba zonke iziganeko zebali zingqonge yena ukuqala ekuqaleni de kuye ekugqibeleni √√/ unabachasi abakwiqela lase*Moonglow* kunye nabaxhasi, uLizzie, uSajini Ngqondi noJoe Bumba √√/unenjongo afuna ukuyiphumeza yokufumana abona babulali bakaEddie Maga noLulama Zuma. √√ [Nasiphi isibini esixhasayo kwezi.] (3)

**[17]**

**KUNYE**

**ISICATSHULWA D**

2.2 2.2.1 Kukuza kukhangela naziphi na iinkcukacha ezazinokumkhokelela kubungqina obaneleyo obubophelela ULinda Monti kwityala lokugetyengwa kukaEddie Maga. √√ itape recorder kuba eyiqonda ukuba inganobungqina ebuthweleyo obabuzakumnceda kuphando lwakhe malunga nokugetyengwa kukaEddie Maga. √√

**[Nayiphi na kwezi]** (2)

2.2.2 Ngokwenza ukuba iTape Recorder le ayilangazelelayo uHlobo ibe ayaziwa ukuba iphi na. Loo nto iyanxunguphalisa kuba wonke umntu unqwenela ukuva ukuba yintoni le ishicilelwe kule tape recorder. √√ (2)

2.2.3 (a) Lolokuba nembeko √/ lolokuthobeka. √

**[Nayiphi na kwezi]** (1)

(b) Wathi mhla wayendwendwele eFemina House uHlobo wafika wazithoba wada walufumana uncedo awayelufuna lwenenekazi lesibini elathenga iMink Coat kuloo venkile. √√ (2)

2.2.4 (a) (iv) √ / ingabula-zigcawu √

(b) (i) √ / uvuthondaba √

(c) (iii) √ / inqanaba lojiyo √ (3)

2.2.5 Bubukho beTape Recorder. √√ (2)

2.2.6 Luzobo ngqo√ kunye nozobo olumayana. √ (2)

2.2.7 Saba kukugwetywa iminyaka avalelwe entolongweni. √√ (2)

2.2.8 Yinoveli yophando √ kuba kuphandwa isishiqi setyala lokugetyengwa kukaEddie Maga noLulama Zuma. √ (2)

**[18]**

**AMANQAKU EWONKE: 35**

**KUNYE**

## ISICATSHULWA E

3.1 3.1.1 ENtshiqo. √ (1)

3.1.2 D √/ D uyathakatha √ / uyathakatha. √

**[Nayiphi na kwezi]** (1)

3.1.3 Kuchanekile kuba uThandabantu wayemonelwa ngabahlali ababembona njengegqwirha kungoko kuchanekile ukubabiza ngokuba baziintshaba zakhe kuba babengamnqweneleli nto intle. √√ (2)

3.1.4 (a) Oweliso √/ owokubona √ (1)

(b) Kukuphatha impahla eninzi yevenkile eyilayishe emotweni yakhe. √√ (2)

3.1.5 Unyana kaThandabantu, uGcinumzi wafumana ingozi ebhasini yesikolo awayekhwele kuyo yamtyekeza wasweleka. √√ (2)

3.1.6 Ubuchule bokuzinikela nokuthanda exabise abantu. √√ (2)

3.1.7 Ukunyamezela kukaMonwabisi impatho-mbi kaMamTolo kwenze ukuba akhule omelele ngokwasengqondweni. √ Ukunyamezela kukaMonwabisi impatho-mbi kaMamTolo kwenze ukuba uMonwabisi afunde isakhono sokuqhuba amashishini agqibele sele ewongamela. √ (2)

3.1.8 Wayeligqwetha. √ (1)

3.1.9 UThandabantu ungumlinganiswa oyintloko √ kuba zonke iziganeko zebali zingqonge yena ukuqala ekuqaleni de kuye ekugqibeleni √/ uchaswa yimeko yokuba uMamTolo engamfuni lo mntwana ungengowesizalo sakhe aze axhaswe ziimeko zokuba abakhe abantwana bengaphumeleli ebomini √√ unenjongo afuna ukuyifezekisa, eyokukhulisa nokuqhuba amashishini akhe. √√

**[Nasiphi isibini esixhasayo kwezi.]** (3)
**[17]**

**KUNYE**

**ISICATSHULWA F**

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| 3.2 | 3.2.1 | (a) | Lobubele. √ | (1) |
| | | (b) | UMamTolo wangena kwenkulu ingxaki akuba ebenzele ububele obukhulu abantwana bakhe ngokungabaqeqeshi ababonise indlela eyiyo. Bafika esinaleni baziphatha kakubi baphela beduke nelizwe. √√ | (2) |
| | 3.2.2 | | Wayefuna ukuqinisekisa ukuba bahlala benomahluko kwabanye abantwana, babekwiqondo eliphucukileyo, ngabula yena √√ | (2) |
| | 3.2.3 | | Ngokwenza ukuba abantwana bakaMamTolo baphathwe ngendlela eyahlukileyo nebangela ixhala kuba unina ebabekela imiqathango yendlela amababuphile ngayo ubomi babo. √√ | (2) |
| | 3.2.4 | (a) | (iv) √/ ingabula-zigcawu√ | |
| | | (b) | (i) √/ uvuthondaba√ | |
| | | (c) | (iii) √/ inqanaba lojiyo √ | (3) |
| | 3.2.5 | | Kuthethwa ngesibhedlele √√ / kuthethwa ngemishini. √√ | |
| | | | **[Nayiphi na kwezi]** | (2) |
| | 3.2.6 | | Luzobo ngqo√ kunye nozobo olumayana. √ | (2) |
| | 3.2.7 | | Saba kukuziphatha kakubi betshaya besela utywala bade basiyeka isikolo, bazendisa bade bafumana nabantwana. √√ | (2) |
| | 3.2.8 | | Yinoveli engemiba yentlalo √ kuba kuthethwa ngeemeko zokuhlala zoluntu. √ | (2) |
| | | | | **[18]** |

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA

## UMBUZO 4: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

### ISICATSHULWA G

4.1 4.1.1 Endlwini kaFuneka eMdantsane kwa*NU 3*. √ (1)

4.1.2 D √/ D akasabonakali √/ akasabonakali √

**[Nayiphi na kwezi]** (1)

4.1.3 Kuchanekile kuba uNdila uncedwe nguFuneka lo ungazalaniyo naye kwiyelenqe lakhe lokuziphindezela kuMawonga. √√ (2)

4.1.4 (a) Ngoweliso √/ ngowokubona √ (1)

(b) Ukuzifaka kwindawo ngethemba lokuba ukhuselekile kuyo. √√ (2)

4.1.5 UNdila wathi akugxothwa eNobutho wabuya wafumana umsebenzi wokufundisa eNxarhuni. √√ (2)

4.1.6 Ukuba ungumntu onyolukileyo nonokwenza nantoni na ukuze azuze imali √√/ ngumntu ongcolileyo ongenabuntu ocingela yena yedwa. √√

**[Nayiphi na kwezi]** (2)

4.1.7 UNdila xa esungula impindezelo yakhe kuMawonga ufaka uFuneka noZanele ziye zinwenwa iziganeko zebali. √ UMaziko naye upheka iyelenqe lokugxothisa uMawonga ngenxa yempindezelo ebangele ukuba iziganeko zikhule kwakhona. √ (2)

4.1.8 Wayengutitshala olisekela-nqununu eNobutho.√ (1)

4.1.9 UMawonga ngumlinganiswa oyintloko √ kuba zonke iziganeko zebali zingqonge yena √√/ unezinto ezimenza athandeke √√/ ukwindawo ebalulekileyo ebomini bakhe njengoko eyinqununu yesikolo √√/ ube nesikhwasilima sokusela esithe samkhokelela kwisiwo sakhe √/ impixano ijikeleze yena √√/ ube nokuzisola kanye xa kuza kuphela ibali √√/ akufa ibali liye laphela. √√

**[Nasiphi isibini esixhasayo kwezi]** (3)
**[17]**

**KUNYE**

**ISICATSHULWA H**

4.2 4.2.1 (a) Lolweenkani √ (1)

(b) Kude kwafikelela ixesha lokuba ancanywe uMawonga kwimeko yakhe yokuziphalaza waphelelwa ngumsebenzi, wajika waba linxila elincanyiweyo. √√ Uqabuke sele kophulwe ukuba kanti lonke eli xesha ebeneenkani nje ebezibulala okanye kanti lonke eli xesha ebesithi wonakele nje kanti wonakalisiwe. √√ (2)

4.2.2 Kuziwe kuthethwa noMawonga acetyiswe ukuba atshintshe indlela enza ngayo izinto. √√ (2)

4.2.3 Ngokuthi kuhlawe nguNomasoka, unina kaMawonga ekunye noRay nosapho lukaMawonga kulindwe uMawonga ongaziwayo ukuba wofika nini √√/ ngokuthi uMawonga avakale eseza ukuba unxilile kungekho mntu waziyo ukuba uzakubaphatha njani abo babemlinde endlwini. √√

**[Nayiphi kwezi]** (2)

4.2.4 (a) (iii) √/ ingabula-zigcawu √

(b) (i) √/ uvuthondaba √

(c) (iii) √/ inqanaba lojiyo √ (3)

4.2.5 Kukuhlalwa kweentlanganiso zamakhaya nabantu basetyhini. √√ (2)

4.2.6 Luzobo ngqo√ kunye nozobo olumayana. √ (2)

4.2.7 Wabanjwa wagwetywa wavalelwa iminyaka engama-25 entolongweni. √√ (2)

4.2.8 Yidrama eyintlekele√ kuba kukho indyikityha yokufa kwabalinganiswa. √ (2)

**[18]**

**AMANQAKU EWONKE: 35**

**OKANYE**

## UMBUZO 5: INZALA YAMARHAMBA – M. MLOKOTI

## ISICATSHULWA I

5.1 5.1.1 E-ofisini kaThambolenyoka √/ kukwaThambolenyoka. √

**[Nayiphi na kwezi]** (1)

5.1.2 D √/ D balobe amantombazana √/ balobe amantombazana √

**[Nayiphi na kwezi]** (1)

5.1.3 (a) Ngoweliso √/ ngowokubona√ (1)

(b) Ngowabantu abahleli ngokungakhathali, bapholile. √√ (2)

5.1.4 Kuchanekile kuba uThambolenyoka uyabacenga ngoko ke kufanelekile ukuba ababize ngokuba ziinzwakazi kuba uncedo lwabo uyalufuna √√/ ufuna bazive bebalulekile kwaye bephetheke kakuhle ukuze bakhuthale ukwenza lo msebenzi umdaka bawenzayo. √√

**[Nayiphi na kwezi]** (2)

5.1.5 Kungenxa yokuba nguNoyongo owaye wabalingqina enkundleni ukuze uThambolenyoka abanjwe. √√ (2)

5.1.6 Ukuba ungumntu onyolukileyo nonokwenza nantoni na ukuze azuze imali. √√ (2)

5.1.7 Ukuxhatshazwa kwamabhinqa angooNoyongo kubangele ukuba lo mkhwa ungapheleli kubo koko ugqithele nakwabanye abafana nooDina √ ukuxhatshazwa kukaDina kubangele ukuba akhulelwe ade afikelwe nangumsindo nesixhiba afune ukuziphindezela kuThambolenyoka √ kukhulise umsindo kuKuku wade wabe ubetha uNyoka ngebhotile emhlaba. √

**[Nasiphi isibini kwezi]** (2)

5.1.8 Wayelipolisa. √ (1)

5.1.9 UThambolenyoka ngumlinganiswa oyintloko √ kuba zonke iziganeko zebali zingqonge yena√impixano ijikeleze yena √/ unento ayifunayo naxolele ukujing'iliso kunokuba angayifumani. √√

**[Nasiphi isibini esixhasayo kwezi]** (3)

**[17]**

**KUNYE**

**ISICATSHULWA J**

5.2 5.2.1 (a) Lolwendelelo√/ lolokujongela phantsi abantu ababhinqileyo. √ (1)

**[Nayiphi na kwezi]**

(b) Uthe akuyiqhela le ndlela abaphatha ngayo abantu basetyhini, waqhubela phambili kanti ufumene uDina, ongakhange amyeke, uye waqinisekisa ukuba uyabanjwa avalelwe uThambolenyoka. √√ (2)

5.2.2 UThambolenyoka ubabizele ukuba bamthathele iinkcukacha zentombazana enxibe impahla emnyama emana ukubonakala kule hotele yakhe. √√ (2)

5.2.3 Ngokuthi kubekho le ntombazana ingaziwayo ukuba ingubani na. Ubukho bayo bumbangela ukuba uThambolenyoka angqunge enexhala kuba engayazi ukuba iphezu kwantoni le ntombazana inxibe mnyama √√/ ngokuthi kuvakale iindaba zokuba kukho abantu abamsebenzelayo ababuleweyo esitophini bengaziwa ukuba babulewe ngubani na. √√/ukufungelwa kwabo bonke nguKuku kuyaxhalabisa kuba wakwazi ukubetha uNyoka ngebhotile. √√

**[Nayiphi na kwezi]** (2)

5.2.4 (a) (iii) √/ ingabula-zigcawu √

(b) (i) √/ uvuthondaba √

(c) (iii) √/ inqanaba lojiyo √ (3)

5.2.5 Kuthethwa ngeemoto √√/ kuthethwa ngamadoda aqeshelwe ukugada uThambolenyoka. √√

**[Nayiphi na kwezi]** (2)

5.2.6 Luzobo ngqo √ kunye nozobo olumayana. √ (2)

5.2.7 Wabanjwa wagwetywa wavalelwa iminyaka engama-25 entolongweni. √√ (2)

5.2.8 Ngumdlalo ongemiba yentlalo √ kuba kuxovulwa imiba yasekuhlaleni koluntu. √ (2)
**[18]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

**OKANYE**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

## UMBUZO 6: *NDAKUYICELA IVUTHIWE* – LL Ngewu & EZ Guqa

### 6.1 ISICATSHULWA K: 'Ndakuyicela ivuthiwe' – LL Ngewu

6.1.1 Wayeswelekelwe ngumyeni. √ (1)

6.1.2 D √ lalithandwa ngunina wentombi √/ lalithandwa ngunina wentombi √

**[Nayiphi na kwezi]** (1)

6.1.3 (a) Ngoweliso √/ ngowokubona √ (1)

(b) Ukubhebhetha ubonakalisa ungayifuni into ethile √√/ ukwala uphikisana nalo onto ifunwayo. √√ (2)

6.1.4 Ichanekile kuba ngokwesiXhosa uQolwana ebefanele ukuba wawazisa amadoda amaNdlambe ngeenjongo zakhe zokuzeka umfazi ukuze baphume bengoonozakuzaku baye kumcelela loo ntombi. √√
Kuchanekile ukuba kuthiwe wazithathela kuba yiloo nto kanye awayenzayo etyeshela isithethe. √√

**[Nayiphi na kwezi]** (2)

6.1.5 UMaVumisa nomolokazana wakhe uNozukile babengafunani babesoloko bexabana. √√ (2)

6.1.6 Ukuba amadoda akwaNdlambe ngabantu abayixabisileyo inkcubeko yabo kwaye bafuna izinto zihambe ngendlela ethe ngqo. √√ (2)

6.1.7 UQolwana uzithathele umfazi wathi akunqandwa wawabhekisela kude amadoda akwaNdlambe ewaphoxa, loo nto ibangele ukuba azenzele yonke into kanti ekugqibeleni uzakuxakwa zizenzo zakhe. √√ (2)

6.1.8 NguNozukile. √ (1)

6.1.9 UQolwana ungumlinganiswa oyintloko, √ kuba zonke iziganeko zebali zingqonge yena √√/ unabachasi kunye nabaxhasi √/ unenjongo afuna ukuyifezekisa. √√

**[Nasiphi isibini esixhasayo kwezi]** (3)
**[17]**

**KUNYE**

6.2 **ISICATSHULWA J: 'Kanti andizenzanga' – LL Ngewu**

6.2.1 (a) Lolobuhomba √ (1)

(b) Kungethuba ezidibanisa namantombazana esebenza nemisebenzi yawo, loo nto yamgxekisa ngamakhwenkwe awayesoloko esezindle wona lo gama yena ehamba namantombazana acocekileyo. √√ (2)

6.2.2 Amadoda ayefuna ukumkhethisa icala akulo kukho ubudoda nobufazi. √√ (2)

6.2.3 Ngokuthi kubekho amadoda alindele ukuba aza kumjika uMntuyedwa abe yinto efunwa ngabo abe noMntuyedwa ebonakala ebambelele kwinto afuna ukuba yiyo. √√ (2)

6.2.4 (a) (iii) √/ ingabula-zigcawu √

(b) (i) √/ uvuthondaba √

(c) (iii) √/ inqanaba lojiyo √ (3)

6.2.5 Kukuqatywa kwemilomo ebomvu ngamakhwenkwe √√/ kukunxitywa kwamacici ayokozelayo. √√

**[Nayiphi na kwezi]** (2)

6.2.6 Luzobo ngqo √ kunye nozobo olumayana. √ (2)

6.2.7 Saba kukugxothwa kwakhe aye kusebenza emnyameni nalapho athe wagxothwa khona. √√ (2)

6.2.8 Libali elingemiba yentlalo √ kuba kuxovulwa imiba yasekuhlaleni yoluntu. √ (2)
**[18]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

## ICANDELO D: ISIHOBE

### UMBUZO 7: IVAMNA BAFAZI BOLUSU – Sibongile Maputi nabanye

7.1 **KONAKELE PHI NA MZ'ONTSUNDU?**

7.1.1 Ikhathazekile √ kuba isebenzisa umbuzo-buciko isavula kumqolo wokuqala ibuza ukuba yimbudumbudu yantoni na le …, ukuphalala kwegazi, ukuphangwa njalo njalo. √ (2)

7.1.2 Kukuvuselela nokuchukumisa izazela zabantu, bakhwetywa ngenjongo yokufuna ukuba bathathe inxaxheba ekulungiseni iimeko ezimbi. √√ (2)

7.1.3 (a) UMzantsi Afrika **uyalila** √

(b) Isimntwiso √ (2)

7.1.4 Kuthi sonke singabemi boMzantsi Afrika. √ (1)

7.1.5 Owendlebe √/owokuva. √ (1)

**[Nayiphi na kwezi]**

7.1.6 Ngumbongo-sikhalazo √ kuba imbongi ikhalazela imeko embi okuyo uMzantsi Afrika. √ (2)

7.1.7 Wakhiwe ngemiqolo engama-41 engalinganiyo, eminye inamagama aliqela eminye inamagama ambalwa. √√ (2)

7.1.8 Ngoonomathotholo √/ ngamaphephandaba √

**[Nayiphi enye kwezi]** (1)

7.1.9 Imibutho yezopolitiko ayivani, ithetha izinto ezichaseneyo kangangokuba kuyaliwa epalamente kule mihla. √√

**[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]** (2)

7.1.10 Malindini, √ tywalandini √ (2)

**[17]**

7.2 **UMNQAYI**

7.2.1 Eyokudala undindwano √√/ eyokudala isingqisho √√

**[Nayiphi na kwezi]** (2)

7.2.2 Yenjani le ntonga yenza ukuba kuthethwathethwane kuxoxwe kuviwane ngabantu? √√ (2)

7.2.3 D √/ D isidima √/ isidima. √

**[Nayiphi na kwezi]** (1)

7.2.4 Ngabafazi √ ngamakhwenkwe. √ (2)

7.2.5 Awufaka ngobunono ekhwapheni ahamba ejonge phantsi ecotha √√/ bagcina inkangeleko nokuxabiseka. √√ (2)

7.2.6 Ukubaluleka nokuhlonipheka kwale nduku ingumnqayi. √√ (2)

7.2.7 Yimfanozandi. √ (1)

7.2.8 Intonga umnqayi ikhiwa emthini √ kanti nesiphingo √ kunye nombhongisa zihambelana nendalo. √

**[Nasiphi isibini kwezi]** (2)

7.2.9 Sisiqhamo sasendle √ ngabelusi nabantu abahamba endle abanokuxhamla kuso. √ (2)

7.2.10 Ungokubaluleka nokuxabiseka komnqayi kwaXhosa. (2)
**[18]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**